



Help make reading happen



As parents we do whatever we can to encourage our children to read. But sometimes, without realising it, we also do things that stand in the way of our children becoming readers. Here are some of the ways in which we may sometimes discourage our children from reading without realising it, as well as suggestions of what to do instead!

- 1. No books at home** Children need to have books around them if we want them to learn to read. You can't learn to read without books! Of course, the more books children have available at home, the more likely they are to find some that will interest them enough to make them want to read. Build up your supply of books at home by buying books for your children as birthday gifts, saving the cut-out-and-keep books in each Nalibali supplement and borrowing books from the library.
- 2. Locking books away** If you keep books on high shelves that children cannot reach, or lock them away in cupboards, children have to ask for books when they want to read. They need to be able to pick up a book whenever they feel like reading! So, keep books in places that are easy for children to find and reach.
- 3. Only reading aloud to younger children** Reading aloud to children is the best thing you can do to help increase their literacy skills – and this applies to all children. Keep reading to your children even when they can read by themselves. In this way, you'll keep them motivated to read and you'll spend time relaxing together and connecting around books.
- 4. Not letting them choose their books** We are more likely to want to read a book that we have chosen ourselves. This doesn't mean that you shouldn't ever suggest books for your children to read, and it is important that you show them how you find out about a book by looking at the front cover and reading the blurb on the back. But, at least some of the time, your children should choose the books they would like you to read aloud to them and the books they want to read on their own.
- 5. Bribing and punishing** If you link reading to punishment ("You didn't read, so now you can't watch TV!") or use it to bribe ("I'll give you a slab of chocolate, if you read that book."), children will not see reading as something that is enjoyable. And, we need children to want to read if they are going to be life-long readers!
- 6. Not enough time** If children have too many chores to do, or their weekends and afternoons are filled with lots of activities, then they are not going to have enough time to read. It is important that children have some time every day where they can just relax and read!
- 7. Not reading yourself** Children learn from what you do and they copy you! They need to see you reading regularly.

Ukukhuthaza abantwana bakho ukuze bafunde

Njengabazali senza konke okusemandleni ethu ukukhuthaza abantwana bethu ukuba bafunde. Kodwa ngamanye amaxesha, sibe singaqondi thina, senza izinto ezithintela abantwana bethu ukuba babengabafundi. Nazi ezinye zeendlela esithi ngamanye amaxesha sibatyhafise ngazo abantwana bethu ukuba bafunde singaqondanga, kwakunye neengcebiso zezinto esinokuzenza endaweni yazo!

- 1. Ukunqongophala kweencwadi ekhaya** Abantwana kufuneka babeneencwadi ezibangqongileyo ukuba sifuna bakufunde ukufunda. Awukwazi ukufunda ukufunda ngaphandle kweencwadi! Linyanisile elithi, okukona abantwana bengqongwe ziincwadi ezininzi ekhaya, kokukona beya kubanamathuba amanzinzi okufumana ezo ziya kubatsala umdla ngokwaneleyo ukuze bafunde ukufunda. Qokelela iincwadi ekhayeni lakho ngokuthengela abantwana bakho iincwadi njengezipho zeentsuku zokuzalwa kwabo, londoloza oozenzele beencwadana onokuzisika-ze-uzigcine kuhlelo ngalunye lweNalibali ze uboleke iincwadi nakwithala leencwadi.
- 2. Ukunqabisa iincwadi** Ukuba iincwadi uzibeka kwishelufa ephezulu abangenakufikelela kuyo abantwana, okanye uzitshixela ekhabhathini, kufuneka abantwana bazicele iincwadi xa befuna ukuzifunda. Kanti kufuneka bakwazi ukuthatha iincwadi nanini na xa beziva befuna ukufunda! Ngoko ke, beka iincwadi ezindaweni ekulula ukuba abantwana bafikelele kuzo.
- 3. Ukufundela abantwana abancinane ngokuvakalayo kuphela** Ukubafundela ngokuvakalayo abantwana yeyona nto ilungileyo onokuyenza ukunceda ukwandisa izakhono zabo zeliitheresi – kwaye oku kufanele bonke abantwana. Hlala ubafundela abantwana bakho nokuba sele bekwazi ukuzifundela ngokwabo. Ngale ndlela, uya kubagcina bekukhuthalele ukufunda kwaye niya kuchitha ixesha lokuphumla kunye niphefumlelana ngeencwadi.
- 4. Ukwalela abantwana ukuba bazikhethhe ngokwabo iincwadi** Siyathanda ukufunda iincwadi esizikhethhele ngokwethu. Oku akuthethi ukuba awukwazi ukubacebisa abantwana bakho ukuba bafunde iincwadi ezithile, kwaye kubalulekile ukubabonisa indlela yokufumana okuqulathwe yincwadi ngokuthi ujonge iqweqwe langaphambili lencwadi kwakunye nokufunda amaqabantsshintshi abhalwe kwiqweqwe langasemva. Kodwa kufuneka, ngamanye amaxesha, abantwana bakho bazikhethhele iincwadi abangathanda ubafundele zona ngokuvakalayo, kunye nezo bafuna ukuzifundela zona.
- 5. Ukunyoba nokohlwaya** Ukuba ukufunda ukusebenzisa njengesohlwayo ("Khange ufunde, ngoko ke awuzi kumbukela umabonwakude!") okanye ukusebenzisa ukufunda njengento yokunyoba ("Ndiza kukupha itshokholethi, ukuba uyifundile laa ncwadi."), abantwana abasayi kukubona ukufunda njengento eyonwabisayo. Kanti ke, sifuna ukuba abantwana bazifunele ukufunda ukuba baza kuba ngabafundi ubomi babo bonke!
- 6. Ukubanexesha elifutshane** Ukuba abantwana banemisebenzi emininzi ekufuneka beyenzile, okanye iimpelaveki zabo nexesha labo lasemva kwemini lizele yimidlalo nemisetyenzana emininzi, abasayi kubanexesha eloneleyo lokufunda. Kubalulekile ukuba abantwana babanexesha lokuziphumlela, bafunde yonke imihla!
- 7. Ukungafundi kwakho** Abantwana bafunda kwizinto ozenzayo baze bazikope! Kufuneka bakubone ufunda rhoqo.

INSIDE!
Stories to celebrate
International Children's Day
and Africa Day!

NGAPHAKATHI!
Amabali okubhiyozela uSuku
lwaBantwana lweZizwe
ngeZizwe kunye noSuku
lwe-Afrika!



Drive your
imagination

Story Power.
Bring it home.
Wazise ekhaya amandla eballi.





Get story active!

Here are some ideas for using the stories in this supplement. Choose the ones that best suit your children's ages and interests.

A surprise at the park

This story is especially suitable for very young children. It encourages both girls and boys to be strong, caring, adventurous and creative problem-solvers.

- ★ Before you begin reading, talk to your children about a time when you visited the park together. Discuss what you did at the park and what you each enjoyed the most.
- ★ After you have read the story, use some of these questions to talk about it with your children.

- ☉ Did you feel scared during the story? What made you feel scared?
- ☉ Would you like to visit this park? What would you like to do there?
- ☉ How do you think Pauline and Kagiso felt when they first saw the dog? How would you have felt?
- ☉ Where do you think the owners of the dog and her puppies are? How do you think the dog and her puppies got to the park? What would you say to the owners?



The tiny seed

The *tiny seed* is the story of Wangari Maathai. It is told simply so that children of all ages are able to enjoy finding out about this remarkable woman from Kenya.

- ★ Look at a map of Africa and find Kenya.
- ★ Talk about the story together by choosing some of these questions to discuss.
- ☉ As a child, Wangari loved to be outside and to work in her family's food garden. What do you like to do?
- ☉ Why do you think Wangari's parents needed to be persuaded to let her go to school? Do you think girls and boys should have equal opportunities to go to school?
- ★ Find some seeds to plant. Reuse plastic containers, like yoghurt cups or the bottom of a 2 litre cooldrink bottle, as plant pots. With your children, plant the seeds in some soil in the plastic containers. Place them near sunlight and water them regularly. Enjoy watching your plants grow!

You can find more information about Wangari Maathai on page 3.



Thoko's best friend

In this story, Thoko and her best friend learn how to get along as they play different kinds of make-believe games! Enjoy reading the story aloud or retelling it.

- ★ You and your children can play one or more of the make-believe games from the story – or make up your own games. Remember to join in with your children, just like Gogo did!
- ★ Talk to your children about the importance of taking turns. Ask them how they think Thoko feels in the story when Jake always gets to be the character they both want to be! Can they suggest what might be a more fair way of playing together?



Yenza ibali linike umdla!

Nazi ezinye zeengcingane onokusebenzisa ngazo amabali akolu hlelo. Khetha amabali atsala umdla nafanele ubudala babantwana bakho.



Okungalindelekanga epakini

Eli bali lifanele kakhulu abantwana abancinane gqitha. Likhuthaza amantombazana kunye namakhwenkwe ukuba bomelele, babe nenkathalo, bayilangazelele imiceli-mngeni namahlandinyuka kwaye babengabasombululi-zingxaki abanobugcisa.

- ★ Phambi kokuba niqalise ukufunda, balisela abantwana bakho ngomhla enandwendwela ngawo epakini. Xoxani ngokuba nenza ntoni na epakini kwaye yintoni eyona nto umntu ngamnye kuni awayonwabelayo.

- ★ Emva kokuba nilifundile ibali, sebenzisa eminye yale mibuzo ukuze nincokole ngalo nabantwana.
- ☉ Ingaba ubusoyika xa bekufundwa ibali? Yintoni ekwenze woyika?
- ☉ Ungathanda ukuyindwendwela le paki? Ungathanda ukwenza ntoni apho?
- ☉ Ucinga ukuba uPauline noKagiso baziva njani ukubona kwaboinja okokuqala? Ingaba wena wawunokuziva njani?
- ☉ Ucinga ukuba uphi umnini wenja nemibundlwane? Ucinga ukubainja kunye nemibundlwane yayo zeza njani epakini? Ungathini kubanini bale nja xa unokubabona?



Ukhozo lwembewu oluncinane

Ukhozo lwembewu oluncinane libali likaWangari Maathai. Libaliswa ngokulula ukuze abantwana abaminyaka yahlukileyo bakwazi ukonwabela ukufumanisa nokuqonda lo mama umangalisayo waseKenya.

- ★ Qwalaselani imephu yase-Afrika ze nifumane indawo ekuyo iKenya.
- ★ Ncokolani ngebali ninonke ngokukhetha eminye yale mibuzo ukuze nixoxe ngayo:

- ☉ Ebuntwaneni bakhe uWangari wayethanda ukuba phandle kwakunye nokusebenza esityeni semifuno sosapho lwakhe. Wena, yintoni othanda ukuyenza?
- ☉ Ucinga ukuba kwakutheni ukuze abazali bakaWangari kufuneka becengiwe ukuze bamvumele ukuba aye esikolweni? Ingaba ucinga ukuba amantombazana kunye namakhwenkwe kufuneka benikwe amathuba alinganayo okuya esikolweni?

- ★ Khangela imbewu onokuyityala. Phinda usebenzise amaqokobhe eplastiki anjengezipoponi zeyogathi okanye umphantsi webhotile yesiselo eziilitha ezi-2, njengezitya onokulimela kuzo izityalo zasendlwini. Tyala imbewu leyo kumhlaba owugalele kula maqokobhe eplastiki, uncedisana nabantwana bakho. Beka ezi zityana utyale kuzo kwindawo enelanga uze uzinkcenkcheshele rhoqo. Yonwabela ukubukela izityalo zakho zikhula!

Ungafumana iinkcukacha ezithe vetshe malunga noWangari Maathai kwiphepha le-3.

Umhlobo kaThoko osenyongweni

Kweli bali, uThoko kunye nomhlobo wakhe osenyongweni bafunda indlela abangavana ngayo lo gama bedlala imidlalo eyahlukileyo abayenza ngathi bubomi bokwenene! Yonwabela ukufunda eli bali ngokuvakalayo okanye ulibalise kwakhona.

- ★ Wena nabantwana bakho ningadlala imidlalo esebalini niyenze ngathi bubomi bokwenene – okanye nenze eyeyenu imidlalo. Khumbula ukuba yinxalenye yabantwana bakho, kanye njengoko enzile uMakhulu!

- ★ Ncokola nabantwana bakho malunga nokubaluleka kokunikana amathuba. Babuze ukuba bacinga ukuba uThoko uziva njani kweli bali xa uJake esoloko esiba ngumlinganiswa abafuna ukuba nguye bebobabini! Bangacebisa ukuba yeyiphi indlela efanelekileyo abangadlala ngayo kunye?



Drive your imagination

Important celebrations!

How much do you know about Africa Day and International Children's Day? Read on to find out more.

"I am not African because I was born in Africa, but because Africa was born in me."
Kwame Nkrumah, Ghanaian leader and president from 1951 to 1966

Imibhiyozo ebalulekileyo!

Wazi kangakanani ngoSuku lwe-Afrika kunye noSuku lwaBantwana lweZizwe ngeZizwe? Qhubeka ufunde uze wazi ngaphezulu.

"Andinguye umAfrika kuba nje ndazalelwa e-Afrika, koko ndinguye kuba i-Afrika yazalelwa kum."
nguKwame Nkrumah, inkokheli yaseGhana kwakunye nomongameli welo ukusuka kowe-1951 ukuya kowe-1966

Africa Day

Africa Day is celebrated each year on 25 April. It is after the day on which we celebrate the start of the Organisation of African Unity (OAU) in 1963, as well as the freedom fought for by African countries.

The OAU was replaced by the African Union (AU) in 2001. The African Union works to bring unity and peace to Africa. All African countries, except Morocco, are members of the AU, which means it has 54 members.

Africa Day is a public holiday in only five African countries: Ghana, Mali, Namibia, Zambia and Zimbabwe. But, it is celebrated all over Africa as well as by Africans living in other parts of the world!

USuku lwe-Afrika

USuku lwe-Afrika lubhiyozelwa minyaka le ngomhla wama-25 kuTshazimpunzi. Lusuku apho sibhiyozela mhla kwaqala uMbutho weManyano ye-Afrika (OAU) ngowe-1963, kwakunye nenkululeko eyalwelwa ngamazwe ase-Afrika.

Indawo yoMbutho weManyano ye-Afrika (OAU) yathathwa yiManyano ye-Afrika ngowama-2001. IManyano ye-Afrika isebenzela ukuzisa umanyano noxolo e-Afrika. Onke amazwe ase-Afrika, ngaphandle kweMorocco, ngamalungu oMbutho weManyano yase-Afrika, oko kuthetha ukuba lo mbutho unamalungu angama-54.

USuku lwe-Afrika lusuku lweholide yesizwe kumazwe amahlanu kuphela: eGhana, eMali, eNamibia, eZambia kunye naseZimbabwe. Kodwa, lusuku olubhiyozelwa kuyo yonke i-Afrika nangama-Afrika ahlala kwamanye amazwe ehlabathini!

International Children's Day

International Children's Day has been celebrated on 1 June since 1925! The day is a reminder about the rights of children. It also reminds adults to protect and care for children everywhere. People celebrate in different ways – some organisations make speeches about improving children's lives; other organisations offer fun activities for children and their families to enjoy together.



USuku lwaBantwana lweZizwe ngeZizwe

USuku lwaBantwana lweZizwe ngeZizwe lwaqala ukubhiyozelwa ukususela kumhla woku-1 kweyeSilimela ngowe-1925. Olu suku sisikhumbuzo samalungelo abantwana. Kananjalo lusekwakumbuzo abantu abadala ukuba bakhusele kwaye bakhathalele abantwana kuyo yonke indawo. Abantu balubhiyozela ngeendlela ezahlukileyo – kweminye imibutho kuwisa iintetho malunga nokuphucula ubomi babantwana; ukanti kweminye konwatyiswa abantwana kunye neentsapho zabo ngezinto-yinto.

DID YOU KNOW?

Wangari Maathai grew up in Kenya. After school, she went to university overseas to study to be a scientist. When she returned to Kenya, she discovered that people were hungry and did not have enough water because the land was not being cared for.

Wangari showed people – especially women – to make better use of the land and to care for it by planting trees. People called her *Mama Miti*, which means "Mother of Trees". The *Greenbelt Movement*, which she started, has planted over 40 million trees all over Africa!

She was given the Nobel Peace Prize in 2004. She was the first African woman and environmentalist to win a Nobel Peace Prize.



Martin Rowe. Cicra 2010. © Unknown.

UBUSAZI NA?

UWangari Maathai wakhulela eKenya. Emva kokugqiba kwakhe isikolo, waya kwidyunivesithi phesheya kolwandle, esiya kufundela ukuba sisazinzulu. Ukubuyela kwakhe eKenya, wafumanisa ukuba abantu balambile kwaye abanawo namanzi oneleyo kuba umhlaba wawungakhathalelwanga.

UWangari wabonisa abantu – ingakumbi abasetyhini – indlela engcono yokusebenzisa umhlaba kunye nokuwukhathalela ngokulima imithi. Abantu bambiza ngokuthi ngu*Mama Miti* nto leyo ethetha "u*Mama weMithi*". U*Mbutho iGreenbelt*, nawawusekayo, sele utyale ngaphezulu kwezigidi ezingama-40 zemithi kuyo yonke i-Afrika!

Wawongwa nge*Mbasa yoXolo kaNobel* ngowama-2004. Wayengowasetyhini nowase-Afrika wokuqala owalwela okusingqongileyo waza waphumelela i*Mbasa yoXolo kaNobel*.

NAL'IBALI ON RADIO!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show: Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.45 a.m. SAfm on Monday to Wednesday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



UNAL'IBALI KUNOMATHOTHOLO!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali: Ku-Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.45. Kwi-SAfm ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.



Story stars

To celebrate children and find out what some of them think about stories and reading, we spoke to four of our readers. Here's what they told us.

We asked nine-year-old Buhlebenkosi Kerejane from Philippi about her favourite story.

Buhle: My favourite story is *The bird who couldn't fly*.

Nal'ibali: Why do you like that story?

Buhle: Because at first he couldn't fly. Then the other birds said, "Yes, you can fly!", and the little bird learnt how to fly.



Iimbilasane zamabali

Ukubhiyozela abantwana kunye nokufumanisa ukuba abanye babo bacinga ntoni na malunga namabali nokufunda, sincokole nabane kubafundi bethu. Funda abasixelele kona.

Sibuze uBuhlebenkosi Kerejane wasePhilippi oneminyaka elithoba malunga nelona bali alithandayo.

UBuhle: Elona bali ndilithandayo lelishloko sithi *Intaka eyayingakwazi kubhabha*.

UNal'ibali: Kutheni uthanda elo bali?

UBuhle: Kuba ekuqaleni le ntaka yayingakwazi kubhabha. Ezinye iintaka zathi, "Ewe, ungakwazi ukubhabha!", yaze intakana leyo yakufunda ukubhabha.

Ten-year-old Sedikah Kelly from Bo-Kaap loves to read aloud. We asked her what kind of stories she enjoys.

Sedikah: I like stories about children.

Nal'ibali: What kind of children?

Sedikah: Any children. I like it when the children help each other in the stories.



USedikah Kelly waseBo-Kaap oneminyaka elishumi uthanda ukufunda ngokuvakalayo. Simbuze ukuba ngawaphi amabali awathandayo.

USedikah: Ndithanda amabali angabantwana.

UNal'ibali: Abantwana abanjani?

USedikah: Nabaphi na abantwana. Ndiyabathanda abantwana xa omnye enceda omnye ebalini.


Twelve-year-old Odwa Mahleza from Langa loves to read, all the time!

Nal'ibali: Why do you like to read?

Odwa: It exercises my mind ... but it's also so much fun. Fantasy is my favourite.

Nal'ibali: Why do you like fantasy?

Odwa: I like the impossible.



U-Odwa Mahleza wakwaLanga oneminyaka elishumi elinambini uthanda ukufunda, ngalo lonke ixesha!

UNal'ibali: Kutheni uthanda ukufunda?

U-Odwa: Ukufunda kusebenzisa ingqondo yam ... kodwa kuyandonwabisa kakhulu. Amabali amangalisayo nabuntsomirha ngawona ndiwathandayo.

UNal'ibali: Kutheni uthanda amabali amangalisayo nabuntsomirha?

U-Odwa: Ndithanda izinto ezikhangeleka zingenakwenzeka.

Thirteen-year-old Anda Silimeni from Khayelitsha told us what he likes to read.

Anda: I like stories about broken-hearted people.

Nal'ibali: Why?

Anda: They're full of lessons. Sometimes they help you get over your own problems.



U-Anda Silimeni waseKhayelitsha oneminyaka elishumi elinesithathu usixelele ukuba uthanda ukufunda eziphi iincwadi.

U-Anda: Ndithanda amabali abalisa ngabantu abaneentliziyo ezityumkileyo.

UNal'ibali: Ngoba kutheni?

U-Anda: Azele ziimfundiso. Ngamanye amaxesha akunceda ujongane okanye wamkele ezakho iingxaki.



Do you love books and reading? What kinds of books do you enjoy? What is your favourite story? Write to us and let us know. Send your thoughts to: PRAESA, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wycroft Road, Mowbray, 7700, or letters@nalibali.org.


Ingaba uyazithanda iincwadi nokufunda? Zeziphi iincwadi ozonwabelayo? Leliphi elona bali ulithandayo? Sibhalele usazise. Thumelela iingcinga zakho kule dilesi: PRAESA, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wycroft Road, Mowbray, 7700, okanye ku-letters@nalibali.org.

Create your own cut-out-and-keep books


1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. Separate pages 5, 6, 11 and 12 from pages 7, 8, 9 and 10.
3. Follow the instructions below to make each book.
 - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
 - b) Fold it in half again.
 - c) Cut along the red dotted lines.

Zenzele ezakho iincwadana onokuzisika-ze-uzigcine

1. Thatha iphepha le-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Wohlule amaphepha ukuqalela kwele-5, ele-6, ele-11 nele-12 kumaphepha aqalela kwele-7, ele-8, ele-9 nele-10.
3. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza iincwadi nganye.
 - a) Songa iphepha phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - b) Phinda ulisonge phakathi kwakhona.
 - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Drive your imagination



“Let’s look around on the grass,” said Kagiso.

“Good idea,” said Pauline. “That’s where Teacher Tholisa was last.”

They walked with their heads down, searching the ground. It didn’t take long before Kagiso spotted something red in the grass. “Over there!” he shouted.

Pauline and Kagiso ran towards the shaker ... but suddenly they stopped.

“Masitjikeleze, sikhangele engceni,” wats’ho uKagiso.

“Yingcinga entle ley’,” wats’ho uPauline. “Kulapho kanye uT’itshalakazi Tholisa agqibele khona.”

Bahamba bejonge phantsi, bekhangele engceni. Akuzange kuthathe thuba lide phambi kokuba uKagiso abone into ebomvu esengceni. “Nantsiya!” utsho ekhwaza uKagiso.

UPauline noKagiso babaleka besiya ngasentshatsheni ... kodwa ngephanyazo bema ngxi.

Persona Doll Training provides diversity training for teachers and parents. We use Persona Dolls to help children and adults unlearn prejudice and to support emotional development. We also offer stories and life-like dolls – Persona Dolls and smaller Ubuntu play dolls.

A surprise at the park is a large, A3-size bilingual book available in two language versions: English and isiXhosa, and isiZulu and Sesotho. Contact Persona Doll Training for more information or to order a book.

Website: www.pdt.org.za
 Tel: 021 7884365
 Email: info@pdt.org.za
 Facebook: Persona Doll Training: Embrace diversity

AbakwaPersona Doll Training babonelela ngoqeqesho oluntlobo-ntlobo kootitshala nabazali. Sisebenzisa iiPersona Dolls ukunceda abantwana kunye nabantu abadala bahlambulule ukungalingi kocalulo ekufundeni kwabo kwaye sixhasa uphuhliso lweemvakalelo. Kananjalo sibonelela ngamabali noonodoli abafana nabantu abasebomini bokwenene – iiPersona Dolls kunye noonodoli abancinane bokudlala ababonisa Ubuntu.

Le ncwadi isihloko sithi *Okungalindelekanga epakini* yincwadi enkulu engu-A3 ubukhulu nebhalwe ngeelwini ezimbini: eyesiNgesi nesiXhosa, kunye neyesiZulu neSesotho. Ukuba ufuna iinkcukacha ezithe vetshe malunga nale ncwadi okanye ufuna ukufaka i-odolo yale ncwadi, qhagamshelana nabakwaPersona Doll Training.

Iwebhusayithi: www.pdt.org.za
 Umnxeba: 021 7884365
 Iimeyile: info@pdt.org.za
 U-Facebook: Persona Doll Training: Embrace diversity



Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children’s potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



“Let’s go and see the ducks now,” said Pauline when they had finished swinging.

“We never seen *real* ducks before,” said Kagiso.

On their way to the vle, they passed Teacher Tholisa. She looked very worried.

“What’s wrong, Teacher?” asked Pauline.

“I’ve lost my shaker. How are the children going to hear me?”

“Don’t worry. We’ll help you find it,” said Pauline.

“Masihambe siye kubona amadada ngoku,” wats’ho uPauline bakugqiba ukudlala koojingi.


“Andizange ndawabona amadada *okawene* ngaphambili,” wats’ho uKagiso.

Endleleni yabo eya echibini, badlula kuT’itshalakazi Tholisa. Wayekhangeleka enxunguphlele kakhulu.

“Ingaba kwenzeke ntoni, T’itshalakazi?” wabuza uPauline.

“Ndilahlekelwe yinkatshaza yam. Baza kundiva njani ngoku abantwana?”


“Ungakhatheki. Siza kukukhangeleka inkatshaza yakho ude uyfumane,” wats’ho uPauline.



A surprise at the park


Okungalindelekanga epakini

Wendy Hartmann
Magriet Brink



UPauline wenyuka kakhulu kangangokuba wade waxuxulelwa nasisisu. Wayekwazi ukuyibona yonke ipaki xa aphezulu. Wakwazi nokubona uTitshalakazi Tholisa edlala ibhola nabanye abantwana.

UPauline noKagiso bagala baya koojingi. Bayifwuzisa imilenze yabo beyisa phambili babuye bayise ngasemva, besiya besenyuka ngokwenyuka.



A big dog stood in front of them – right next to the shaker! It looked angry and was growling. It stepped closer. Kagiso grabbed Pauline's arm.

“Shhh! Stand still,” said Pauline quietly.

Then she whispered, “Lunch!”

“WHAT?” Kagiso said so loudly that the dog moved towards him. “Throw your lunch over there,” whispered Pauline, “away from the shaker!”


Kwakukhoinja enkulu eyayimi phambi kwabo – kanye ecaleni kwenkatshaza! Yayikhangeleka inomsi ndo kakhulu, ivungama. Yasondelela kubo. UKagiso wamthi ngaku ngenalo uPauline.

“Shhh! Yima, ungashukumi?” wasebeza uPauline ngokuzolileyo.

Emva koko wasebeza esithi, “Isidlo sasemini!”

“NTONI?” UKagiso wakhwaza kakhulu kangangokuba injayasondelela ngakuye.

“Phosa isidlo sakho sasemini phaya,” wasebeza wenjenjalo uPauline, “kude nenkatshaza.”



And all the way home, that's exactly what they did! Pauline's dad just smiled as he listened. He was so proud of them.

Kuyo yonke indlela egodukayo benza kanye-kanye oko. Utata kaPauline wayencumile ngexesha emamele oko bambalisela kona. Wayezingca kakhulu ngabo.

Pauline was excited. She and her friend, Kagiso, were going on a class outing.

“Kagiso! Hurry! Have you got your lunch?” Pauline shouted.

Pauline's dad laughed. “Have you got yours?” he asked. Pauline nodded.

“Teacher Tholisa will meet us at the park gate this morning,” Pauline's dad said. “I think you're going to have such fun at this park!”



UPauline wayechulumance kakhulu. Yena nomhlobo wakhe, uKagiso, babeza kuba nohambo olufutshane neklasi yabo.

“Kagiso! Khawuleza bo! Usiphethe isidlo sakho sasemini?” kukhwaza uPauline ngelibuzayo.

Utata kaPauline wahleka. “Ingaba wena usiphethe esakho?” ubuze lowo yena. Wanqwala uPauline.

“UTitshalakazi Tholisa uza kuhlngana nathi esangweni lepaki ngale ntsasa,” watsho utata kaPauline. “Ndingca ukuba niza konwaba kakhulu kule paki!”



The more she learnt, the more she realised that she loved the people of Kenya. She wanted them to be happy and free. The more she learnt, the more she remembered her African home.

Okukhona efunda kwaba kokukhona aqondayo ukuba ubathanda ngenene abantu basekenya. Wayefuna ukuba bonwabe kwaye bakhululeke. Okukhona efunda, kwaba kokukhona ekhumbula ikhaya lakhe lase-Afrika.

Fold




We believe every child should own a hundred books by the age of five.

Become a book-sponsor and help change the world.

Get involved at bookdash.org



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Fold

A tiny seed Ukhozo lwembewu oluncinane



*Nicola Rijsdijk
Maya Marshak*

Kwidyunivesithi yaseMerika uWangari wafunda izinto ezininzi ezintsha. Wafunda ngezityalo nendlela ezityalwa ngayo ukuze zikhule. Kananjalo wayikhumbola indlela awakhula ngayo: edlala imidlalo kunye nabantakwabo phantsi kwemithi yamahlathi amahle aseKenya.

At the American university, Wangari learnt many new things. She studied plants and how they grow. And she remembered how she grew: playing games with her brothers in the shade of the trees in the beautiful Kenyan forests.



In a village on the slopes of Mount Kenya in East Africa, a little girl worked in the fields with her mother. Her name was Wangari.

Kwilali ekwithambeka leMount Kenya eMpuma Afrika, intombazanana encinane yayisebenza emasimini kunye nomama wayo. Igama lale ntombazanana yayinguWangari.



Fold




When she had finished her studies, she returned to Kenya. But her country had changed. Huge farms stretched across the land. Women had no wood to make cooking fires. The people were poor and the children were hungry. Wangari knew what to do. She taught the women how to plant trees from seeds. The women sold the trees and used the money to look after their families. The women were very happy. Wangari had helped them to feel powerful and strong.



UWangari wayekuthanda kakhulu ukufunda ngakumbi ngehlabaathi. wayechulumance kakhulu! Wayefuna aye kufunda eMrika. UWangari kangangokuba wamenywa ukuba Waqhuba kakhule kakhulu esikolweni kwincwadi nganye athe wayifunda. ukufunda! UWangari wafunda ngakumbi UWangari wayekuthanda kakhulu

She liked to learn! Wangari learnt more and more with every book she read. She did so well at school that she was invited to study in the United States of America. Wangari was excited! She wanted to know more about the world.



Fold



Wathi akuzigqiba izifundo zakhe UWangari, wabuyela eKenya. Kodwa ufike ilizwe lakhe litshintshile. Kwakukho ifama ezinkulu ezazinabele kulo lonke ilizwe lakwabo. Abasethini babengenazo iinkuni zokubasa imililo ukuze bapheke. Abantu babehlupheka kwaye abantwana babelambile. UWangari wayesazi ngqo ukuba makenze ntoni na. Wafundisa abasethini indlela yokulima imithi besebenzisa imbewu. Aba basethini bayithengisa le mithi baze bayisebenzisa loo mali ukondla iintsapho zabo. Abasethini ngoku nabo bonwaba kakhulu. UWangari wayebancedile ngokubaxhobisa ukuze bazive bomelele.



Wangari died in 2011, but we can think of her every time we see a beautiful tree.

UWangari ubhubhe ngowama-2011, kodwa sicinga ngaye ngalo lonke ixesha sibona imithi emihle.



Wangari loved being outside. In her family's food garden she broke up the soil with her machete. She pressed tiny seeds into the warm earth.

UWangari wayekuthanda kakhulu ukuba phandle. Esitiyeni sakowabo semifuno wayeqhokra amagada ngephanga yakhe eyimatshete. Wayeqhusheka iinkozo zembewu ezincinane kuloo mhlaba ufudumeleyo.

Fold

UWangari wayengumntwana okrelekrele kwaye wayesele etshiseka, efuna ukugalisisa esikolweni. Kodwa umama notata wakhe babefuna ukuba ahlale ekhaya abancedise. Xa wayeneminyaka esixhenxe ubudda, umntakwabo omdala wacenga abazali bakhe ukuba bamumele aye esikolweni.


Wangari was a clever child and couldn't wait to go to school. But her mother and father wanted her to stay and help them at home. When she was seven years old, her big brother persuaded her parents to let her go to school.



Fold

As time passed, the new trees grew into forests, and the rivers started flowing again. Wangari's message spread across Africa. Today, millions of trees have grown from Wangari's seeds.

Kuthe ngokuhamba kwexesha, le mithi mitsha yakhula yangamahlathi, yaze nemilambo wasasazeka kulo lonke elase-Afrika. Kunamhlanje nje, zizigidi ngezigidi zemithi ezikhule zisuka kwimbewu kaWangari.



Wangari had worked hard. People all over the world took notice, and gave her a famous prize. It is called the Nobel Peace Prize, and she was the first African woman ever to receive it.

UWangari wasebenza nzima kakhulu. Abantu kwihlabathi liphela bakuqaphela oko, baze bamwonga ngembasa eyaziwayo. Le mbasa ibizwa ngokuthi yiMbasa yoXolo kaNobel, kwaye ube ngowasetyhini wokuqala wase-Afrika ukufumana le mbasa.




Her favourite time of day was just after sunset. When it got too dark to see the plants, Wangari knew it was time to go home. She would follow the narrow paths through the fields, crossing rivers as she went.

Elona xesha lemini awayelithanda kakhulu kwakusemva nje kokutshona kwelanga. Xa sele kumnyama kakhulu ukuba zibonakale izityalo, uWangari wayesazi ukuba elo lixesha lokuba agoduke. Wayelandela loo ndledlana inqumla emasimini, awele nemilambo xa egoduka.



Fold


Ukagiso ngokucuthayo wakhupha isonka sakhe esiqatywe ibhorolo eyenziwe ngamandongomane. Emva koko wasiphosa kudle! Inja yayisabajongile. Kodwa yasezela ivumba lokuyal Ekugqibeleni yaya esonkeni sikaKagiso. Abantwana bema apho, besoyika kakhulu kangangokuba kwakunzima nokuphufuma. Inja yachola isonka eso yaze yabuyela ngasemthini.



Kagiso slowly took out his peanut butter sandwich. Then he threw it! The dog kept watching them. Then it smelt food! At last, it moved closer to Kagiso's sandwich. The children stood there, so scared they could hardly breathe. The dog picked up the sandwich and moved back to the trees.

Fold

First Pauline and Kagiso went on the swings. They pushed and pulled their legs forwards and backwards, going higher and higher. Pauline went so high her tummy did a flip-flop. She could see the whole park. She could even see Teacher Tholisa playing a ball game with some of the children.



“Oh,” said Kagiso, suddenly remembering that they had found the shaker. “I almost forgot that we found your shaker!”

“Thank you!” said Teacher Tholisa.

Later Teacher Tholisa shook the shaker three times. It was time to go home.

“Did you have a good time?” Pauline’s dad asked when he met them at the gate.

“I think they had quite an adventure,” said Teacher Tholisa. “I’m sure they’ll tell you all about it.”

“Owu,” utshilo uKagiso, ekhumbula ukuba bayifumene inkatshaza. “Ndiphantse ndalibala ukuba siyifumene inkatshaza yakho!”

“Enkosi!” watsho uTitshalakazi Tholisa.

Ekuhambeni kwexesha uTitshalakazi Tholisa wahlokomisa inkatshaza kathathu. Yayixela ixesha lokugoduka.

“Ingaba nibe nexesha elimnandi?” wabuza utata kaPauline xa chlangana nabo esangweni.


“Ndingca ukuba babe nexesha elimnandi kwaye bahlangane nezinto abebengazilindelanga,” utshilo uTitshalakazi Tholisa. “Ndiqinisekile ukuba baza kukubalisela konke okwenzekileyo.”



Pauline’s dad said goodbye. “This is a big place so you need to make sure that you stay together. Have a wonderful time. I’ll pick you up later.”


Utata kaPauline uthe ndlelantle kwesi sibini. “Le paki yindawo enkulu kakhulu, ngoko ke kufuneka niqinisekise ukuba anahlukani. Nibe nexesha elimnandi. Ndiza kuniphuthuma apha ekuhambeni kwemini.”

Teacher Tholisa shook a shaker. “Come here everyone,” she said smiling. “Let’s enjoy ourselves here, but remember to stay together. Have fun, but listen for three shakes of the shaker. This means that I want you to come to me.”



UTitshalakazi Tholisa wahlokomisa inkatshaza. “Sondelani apha nonke,” watsho encumile. “Masonwabe sonke apha, kodwa nikhumbule ukuba ningohlukani. Zonwabeleni, kodwa niqinisekise ukuba niyamamela. Xa kuhlokonyiswe inkatshaza kathathu kuthetha ukuba ndifuna nize ngakum.”





UPauline kunye noKagiso zange bazi ukuba mabadale phi na kugala. Kwakukho oojing, umtyibizi kunye ne-jungle gym ENKULU. Kwakukho ingca eninzi ekwakungamandi kakhulu ukuziqengqa nokuziqakagika kuyo. Kwakukho nechibi elalinamadada.

“Wow!” watsho uKagiso. “Aliselikhulu.”

“Aliselihle,” watsho uPauline.

Pauline and Kagiso didn't know where to go first. There were swings, a slide and a HUGE jungle gym. There was lots of grass that looked fun to roll on. There was even a vlei with some ducks on it.

“Wow!” said Kagiso. “It's big.”

“And pretty,” said Pauline.

UPauline wagotsa waya phambili, wayithi hlasi inkats'haza waza wabalaka ebuyela kuKagiso.

“Thuu!” watsho uKagiso.

“Ingaba kukho into embi?” wabuza uTitshalakazi Tholisa.

Bambalisesela konke okwenzekileyo.

“Nenze kakuhle ngokungasondeli kakhulu kwinja eningayaziyo,” watsho uTitshalakazi Tholisa. Emva koko, engakhangathe neliyng, wahamba waya ngasemithini!



Pauline dashed forward, grabbed the shaker and ran back to Kagiso.

“Phew!” said Kagiso.

“Are you okay?” asked Teacher Tholisa.

They told her everything.

“You were right not to try to go too close to a dog you do not know,” said Teacher Tholisa. Then, without saying a word, she walked towards the trees!

“Look!” Teacher Tholisa said. “The dog has given the sandwich to her puppies.” They saw four wriggly, hungry puppies. “She growled at you because she doesn't know you and she thought you might hurt her puppies.”

Pauline and Kagiso felt hungry. They only had Pauline's sandwich to share, but they didn't mind!

“I'll phone the animal hospital to come and help this dog and her puppies,” said Teacher Tholisa.



“Jongani!” utshilo uTitshalakazi Tholisa. “Inja isinike amathole ayo isonka.” Babona imibundlwana emine ezibhijabhijayo nelambileyo. “Inja inigramemele kuba inganazi kwaye icinge ukuba ningenzakalisa amathole ayo.”

UPauline noKagiso baziva belambile. Babenesonka sikaPauline kuphela abanokwabelana ngaso, kodwa babengakhathali!

“Ndiza kutsalela umnxeba kwisibhedlele sezilwanyana ukuze baze kunceda le nja nala mathole ayo,” utshilo uTitshalakazi Tholisa.

10 tips for sharing books with 3 to 6 year olds

Reading to children from an early age helps develop their language skills and stimulates their cognitive development. Young children are easy to read to – they usually love stories and books!

1. Don't read for long periods. Young children may find it difficult to concentrate and then lose interest.
2. Choose a different type of picture book each time you read aloud. For example, everyday life stories, stories that rhyme, fantasy stories and adventures.
3. Read the book's title and the names of the author and illustrator on the front cover.
4. Ask your children if they can guess what the book might be about from listening to the title and looking at the picture on the cover.
5. Read with expression and use different voices for different characters.
6. Read the words of the story, but also talk about what is in the pictures.
7. As you read, draw attention to the characters and the plot by asking simple questions like, "Who is that?", "Where is he?", "What is that?" and "I wonder why she did that?"
8. Encourage children to join in. Let them handle the book, point to pictures and turn the pages.
9. Repeat children's favourite stories as often as they ask for them!
10. As your children get to know the stories better, invite them to read along with you. Suggest that they "read" (recite) the repeated phrases and sentences like, "I'll huff and I'll puff and blow your house down!"



Ingcebiso ezi-10 zokwabelana ngeencwadi nabantwana abaneminyaka e-3 ukuya kwe-6

Ukufundela abantwana besebancinane kunceda ekuphuhliseni izakhono zabo zolwimi kwaye kuvuselela nokuphuhla kweengqondo zabo. Kulula ukufundela bantwana abancinane – kuqheleke ukuba bawathande amabali kunye neencwadi!

1. Xesha ngalinye ubafundela musa ukufunda ixesha elide. Abantwana abancinane bangakufumana kunzima ukuzikisa ingqondo baze ke baphelelwe ngumda.
2. Khetha uhlobo olwahlukileyo lwencwadi yemifanekiso ixesha ngalinye ubafundela ngokuvakalayo. Umzekelo, amabali obomi bemihla ngemihla, amabali anemvano-siphelo nesingqi, amabali amangalisayo nabutsomirha kunye nabalisa ngamahlandinyuka.
3. Funda isihloko sencwadi kunye namagama ombhali nawomzobi athi abhalwe kwiqweqwe langaphambili encwadini.
4. Buza abantwana bakho ukuba bangakwazi kusini na ukuqashela ukuba incwadi ingantoni ngokumamela isihloko kunye nokujonga umfanekiso oseqweqweni.
5. Funda ubonakalisa iimvakalelo kwaye usebenzise nokutshintsha-tshintsha kwelizwi ukulinganisa abalinganiswa abahlukileyo.
6. Funda amagama asebalini, kodwa nceda uthethe nangezinto ezisemifanekisweni.
7. Njengokuba ufunda, tsalela umdla wabantwana kubalinganiswa kunye nesakhiwo sebali ngokubabuza imibuzo elula efana nale, "Ngubani lowa?", "Uphi?", "Yintoni leya?" okanye "Ingaba kutheni bethu enze le nto nje?"
8. Khuthaza abantwana bajoyine xa ufunda. Bavumele ukuba bakubambise incwadi, bolathe emifanekisweni baze batyhile namaphepha.
9. Phinda-phinda ukufunda amabali aziintandane ebantwaneni kangangoko bekucela ukuba ubafundele wona!
10. Xa lwandayo ulwazi lwamabali ebantwaneni bakho, bameme ukuba bafunde kunye nawe xa ufundayo. Bacebise ukuba "bafunde" (bacengceleze) amabinzana kunye nezivakalisi eziphindaphindwayo ezifana nesi, "Ndiza kuvuthela, ndivuthele de ndiyivutheze ivuthuluke loo ndlwana yakho!"

DID YOU KNOW?

Does your young child like to:

- ★ pull toys round and round?
- ★ spin round and round?
- ★ play with toys that have turning or spinning parts?
- ★ draw circles?
- ★ ride a bike or tricycle in circles?

Did you know that when children do these things, they are learning about how objects turn and how they can turn?



UBUSAZI NA?

Ingaba umntwana wakho omncinane uyakuthanda:

- ★ ukutsala izinto zokudlala ezisa ngapha nangapha esangqeni?
- ★ ukujikeleza de abe nesiyenzi?
- ★ ukudlala ngezinto zokudlala ezijikelezayo nezispinayo?
- ★ ukuzoba izangqa?
- ★ ukukhwela ibhayisekile okanye itrayisekile, ejikeleza?

Ingaba ubusazi na ukuba xa abantwana besenza ezi zinto, bafunda malunga nendlela izinto ezijikeleza ngayo kwanendlela emazijikeleziswe ngayo?





Thoko's best friend

Story and illustrations by Niki Daly



"Can Jake come and play?" Thoko asked Mama. "He's my best friend," she said.

"Sure," said Mama. "If Gogo doesn't mind looking after you while I'm at work, then that's fine."

"I don't mind at all," said Gogo. "I once had a best friend who was called Bossy Boots."

"That's a funny name," said Thoko.

"She was a funny girl," said Gogo. "When we played together she always wanted to be Queen This or Queen That. I always had to be the servant who got bossed around."

Thoko, Mama and Gogo had a good laugh.

The next day, Jake came to play. First they played taxi-taxi. Gogo let them use two kitchen chairs to make the taxi.

"I'll be the taxi driver," said Jake.

"Then I'll be the one who shouts *Cape Town!* and collects the money," said Thoko.

"And I'll be the passenger," said Gogo.

Jake sat on the front seat, Gogo sat on the back seat and Thoko shouted *Cape Town!* and squeezed in. Gogo gave Thoko two peppermints, which they pretended was money.



Soon they were in Cape Town and Thoko cried, "Everyone get out!" Gogo climbed out and Thoko shared her peppermints with Jake.

"Now what shall we play?" asked Jake.

"Let's play train-train," suggested Thoko.

"We need more chairs to make a train," said Jake. They used three kitchen chairs. One was for the train driver, one was for passengers and the last one was for boxes and animals.

"I want to be the train driver," said Jake.

"I want to be the Gogo who is going to visit her family in Jozi," said Gogo, sitting down in the passengers' coach.

"Then I'll be a little dog and sit in the last coach," said Thoko.

"*Choo-choo! Chuff- chuff!*" chuffed Jake, as the train pulled out of the station.

"*Woof Woof!*" woofed Thoko. Gogo closed her eyes and pretended to be fast asleep. It was a pity, because she missed all the beautiful scenery as the train travelled all the way from Cape Town to Johannesburg. They went through valleys and over mountains. They passed through the wide flat Karoo with its little koppies. They went over rivers and through farmlands. And then, finally, they came to the great city of Johannesburg.

"*Choo! Choooooooo!*" went Jake as they arrived at the station.

"*Woof! Woof!*" woofed Thoko.

That woke up Gogo who said, "My Goodness! We're here already? We're just in time for tea!"

Jake and Thoko carried the chairs back to the table and Gogo made a pot of tea and put out biscuits for the thirsty train driver and the hungry little dog.

"After this biscuit," said Thoko, "I want to build a space ship."

"Cool!" said Jake. "I want to be the space captain!" Thoko looked very disappointed.

"Why don't you both be astronauts," suggested Gogo.

"Okay," said Jake. But he didn't look too happy about it.

The space ship needed four chairs. Two upright chairs were for the astronauts to sit in. The other two were put behind on their backs as rocket boosters.

"Five ... four ... three ... two ... one ... lift off!" announced Gogo, as she waved them goodbye. The spaceship lifted off and rose up, up, up into deep space.

"Look!" said Thoko. "There's the moon!"

"Let's land," said Jake. Slowly the spaceship landed on the moon and the two astronauts climbed out.

"There is nothing here," said Jake.

"Yes," agreed Thoko, "let's go home."

Gogo was glad to see them return to Earth. They both looked tired from their travels. "I know what you can do next," said Gogo. "It's something that Bossy Boots and I used to do when we were your age." Gogo showed them how to make a hut by throwing a blanket over the chairs.

"I want to be the hunter," said Jake.

"I want to be the hunter's best friend," said Thoko. "And you can be a mama elephant," she said to Gogo.

"I'd rather be a mama lion," said Gogo.



Jake was very quiet as they stalked the mama lion. Thoko was even quieter. But before they got to where the mama lion was sitting at the table having her second cup of tea, she turned around and let out a blood curdling growl – *GRRROOOWLLL!* The hunter and his best friend got such a fright they dived back into their hut, pulling the roof down on top of them. Gogo giggled, and there was a lot of giggling coming from under the blanket. And then all was quiet.

"Good," thought Gogo. She needed a rest.

"Know what?" said Thoko from under the blanket.

"What?" asked Jake.

"Even though you are very bossy and always want to be the taxi driver, the train driver, the captain of a spaceship *and* the hunter, you are still my best friend," said Thoko.

"I know," said Jake. "And you are my bestest friend ever!"

Gogo smiled. They sounded just like her and Bossy Boots!



Libali kunye nemifanekiso kaNiki Daly

"Angeza kudlala nam uJake?" uThoko wabuza uMama. "Ngoyena mhlobo wam ndimthandayo," utshilo.

"Kulungile," watsho uMama. "Ukuba nje uMakhulu akasayi kukhathazeka ukunijonga nobabini lo gama mna ndisemsebenzini, oko akusayi kuba yingxaki."

"Ayinakundikhathaza tu loo nto," watsho uMakhulu. "Nam ngokwam ndandinomhlobo endandimthanda kakhulu ogama linguBossy Boots."

"Ligama elingaqhelekanga nelihlekisayo elo," watsho uThoko.

"Wayeyintombazana ehlekisa kakhulu," watsho uMakhulu. "Xa sidlala sobabini wayesoloko efuna ukuba nguKumkanikazi uZipeqengeshe noKumkanikazi uZibanibani. Mna ke ndandisoloko ndisisicaka esithunywayo nesibhekiswa ngapha nangapha."

UThoko, uMama kunye noMakhulu bayihleka kakhulu le nto.

Ngosuku olulandelayo, uJake weza kudlala. Kuqala badlala umdlalo weteksi. UMakhulu wabavumela ukuba benze iteksi ngezitulo ezibini zasekhitshini.

"Mna ke ndiza kuba ngumqhubi," utshilo uJake.

"Mna ke ndiza kuba yithawutha ekhwaza iCape Town! ndiqokelele nemali," watsho uThoko.

"Ke mna ndiza kuba ngumkhweli," watsho uMakhulu.

UJake wahlala kwisitulo esingaphambili somqhubi, uMakhulu yena wahlala kwisitulo esingasemva waza uThoko yena wakhwaza iCape Town! wazinyanzela naye eteksini. UMakhulu wanika uThoko iilekese eziqhwehwayo ezimbini nabazenza ngathi yimali.



Kwakamsinyane babesele begalelekile eKapa waze uThoko wakhwaza esithi, "Wonke umntu makaphume!" UMakhulu waphuma waze uThoko wabelana noJake ngelekese eziqhwehwayo.

"Siza kudlala ntoni enye ngoku? kubuza uJake.

"Masidlale uloliwe," wacebisa ngelitshoyo uThoko.

"Kufuneka sibe nezitulo ezininzi zokwenza uloliwe," kutsho uJake. Basebenzisa izitulo zasekhitshini ezithathu. Esinye yayisesomqhubi kaloliwe, esinye isesomkhweli saze esokugqibela yasesebhokisi kunye nezilwanyana.

"Ndifuna ukuba ngumqhubi kaloliwe," watsho uJake.

"Ndifuna ukuba nguMakhulu oya kundwendwela usapho lwakhe eGoli," utshilo uMakhulu, ehlala phantsi kwikhareji labakhweli.

"Ke mna ndiza kuba yinjana encinane ehleli kwikhareji lokugqibela," watsho uThoko.

"Khuu-tshu! Khuu-tshu!" watshutshuza uJake, njengokuba uloliwe ephuma esikhululweni.

"Hawu Hawu!" wakhonkotha uThoko. UMakhulu wacimela wenza ngathi ulele. Yaba lilishwa elo kuba waphoswa kukubona zonke iindawo ezintle adlula kuzo uloliwe lo gama atyhutyha kuloo ndlela isuka eKapa isiya eRhawutini. Badlula ezintlanjeni nasezintabeni. Badlula kwiKaroo ethe tyaba nezonduli zayo. Bawela imilambo banqumla kumasimi asezifama. Ekugqibeleni, bafika kwisixeko esikhulu saseRhawutini.

"Khuu-tshu! Tshu-tshu!" wakhwaza watsho uJake xa befika esikhululweni.

"Hawu Hawu!" wakhonkotha uThoko.

Oko kwavusa uMakhulu owathi, "Owu! Sesifikile na? Sifike kanye ngexesha lokuphunga!"

UJake noThoko bathatha izitulo bazibuyisela etafileni waze uMakhulu wenza iti, wakhupha nebhiskiti, wapha umqhubi kaloliwe onxaniweyo kunye nenjana elambileyo.

"Emva kokutya le bhiskiti," watsho uThoko, "Ndifuna ukwakha isiphekepheke."

"Wawu, yantle loo nto!" watsho uJake. "Ndifuna ukuba ngumqhubi wesiphekepheke!" uThoko wakhangeleka edanile.

"Kutheni ningabi ngoosomajukujuku xa ninobabini nje," wacebisa njalo uMakhulu.

"Kulungile," watsho uJake. Kodwa wayengakhangeleki imonwabisile le ngebiso.

Isiphekepheke kwakufuneka senziwe ngezitulo ezine. Izitulo ezibini ezimisiweyo yayizezokuhlala oosomajukujuku. Ezinye ezibini zabekwa ngasemva zingqongqisiwe njengeenjini zesiphekepheke.

"Zintlanu ... zine ... zintathu ... zimbini ... inye ... ntinga!" wabhengeza njalo uMakhulu, njengokuba wayewangawangisa esithi ndlela ntle. Isiphekepheke santinga saya phezulu, sangena kwindawo ekujikeleza kuyo ihlabathi.

"Jonga!" watsho uThoko. "Nantsiya inyanga!"

"Masichophe phaya kuyo," watsho uJake. Ngokucothayo isiphekepheke sachopha enyangu baze oosomajukujuku ababini baphuma.

"Akukho nto apha," watsho uJake.

"Ewe," wavuma uThoko, "masigoduke."

UMakhulu wonwatyiswa kakhulu kukubabona bebuyela eMhlabeni. Bobabini babekhangeleka bedinwe kakhulu luhambo lwabo lwasenyaneni. "Ndiyazi ukuba ningadlala ntoni na enye," watsho uMakhulu. "Ngumdlalo esasiwudlala noBossy Boots sisengabantwana abangangani aba." UMakhulu wababonisa indlela yokwenza indlu ngokugquma izitulo ngengubo.

"Ndifuna ukuba ngumzingeli," watsho uJake.

"Ndifuna ukuba ngumhlobo osenyongweni womzingeli," watsho uThoko. "Wena ke unganguMam' uNdllovu," watsho ebhekisa kuMakhulu.

"Kungcono ndibe nguMam' uNgonyama," watsho uMakhulu.



UJake wayethe cwaka njengokuba echwechwela uMam' uNgonyama. UThoko yena wayethule nangaphezulu kukaJake. Kodwa phambi kokuba bafike apho uMam' uNgonyama wayehleli khona etafileni ephunga ikomityi yakhe yesibini yeti, waguquka watsho ngomgqomo omkhulu nowoyikekayo – GRRRRUUU! Umzingeli kunye nomhlobo wakhe osenyongweni boyika kakhulu babaleka bathi dyulukudu ukungena endlwini yabo, batsala uphahla bezogquma, bezimela ngalo. UMakhulu wakrukutheka yintsini, kwaye kwakukho nokugigitheka okuvela phantsi kwengubo. Emva kwexesha kwathi cwaka.

"Kwalunga ke oku," wacinga njalo uMakhulu. Wayekufuna ngokwenene naye ukuphumla.

"Uyazi yintoni?" watsho uThoko engaphantsi kwengubo.

"Yintoni?" wabuza uJake.

"Nangona uthanda ukuzenza inkunzi kwaye usoloko ufuna ukuba ngumqhubi weteksi, umqhubi kaloliwe, umlawuli wesiphekepheke kunye nomzingeli, usengoyena mhlobo wam ndimthanda kakhulu." watsho uThoko.

"Ndiyazi," watsho uJake. "Nawe uya kuhlala ngonaphakade ungoyena mhlobo wam usenyongweni!"

UMakhulu wancuma. Babevakala kanye ngathi nguye kunye nowakhe umhlobo, uBossy Boots.

Nal'ibali fun

Dear Diary...

Do you keep a diary? Diaries are great places to write down your thoughts and feelings – or anything else that you want to! The diary below is a “feelings diary”. Each day write down how you felt about something that happened.

Ukonwaba noNal'ibali

Dayari endiyithandayo...

Ingaba unayo idayari? Iidayari zizinto ezintle nekumnandi ukubhala iingcinga neemvakalelo zakho kuzo – okanye nantoni na ofuna ukuyenza! Le dayari ingezantsi “yidayari yeemvakalelo” Ngosuku ngalunye, bhala phantsi indlela oziva ngayo malunga nento ethile eyenzekileyo.



SUNDAY

I felt _____ when

NGECAWE

Ndaziva _____ xa

MONDAY

I felt _____ when

NGOMVULO

Ndaziva _____ xa

TUESDAY

I felt _____ when

NGOLWESIBINI

Ndaziva _____ xa

WEDNESDAY

I felt _____ when

NGOLWESITHATHU

Ndaziva _____ xa

THURSDAY

I felt _____ when

NGOLWESINE

Ndaziva _____ xa

FRIDAY

I felt _____ when

NGOLWESIHLANU

Ndaziva _____ xa

SATURDAY

I felt _____ when

NGOMGQIBELO

Ndaziva _____ xa

Who is reading?

How many Nal'ibali characters who are reading can you see on this page? Count them and then check your answer below.

Ngubani ofundayo?

Bangaphi abalinganiswa beNal'ibali abafundayo nobabonayo kweli phepha? Babale uze ukhangele ngezantsi ukuba impendulo yakho ichanekile kusini na.

Impendulo: []
Answer: []



Look out for our special Father's Day edition of the Nal'ibali supplement in the week of 7 June 2015!

Find us on Facebook:
www.facebook.com/nalibaliSA
Sifumane kuFacebook:
www.facebook.com/nalibaliSA

Qhubeka nokukhangela uhlelo lwethu olukhethekileyo loSuku looTata kwiintlelo zikaNal'ibali, noluza kuphuma kwiphephandaba levekhi yomhla we-7 kweyeSilimela kowama-2015!

Supplement produced by The Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translated by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.